## ISIZATU SOKUXELWA KWE NKOMO NGO NONGQAUSE.

[IVELA KU W. W. G.]

No. 1.

Kwati kwa Gcaleka, ezitenjini, kwesika Mnzabele ngomnyaka we 1856, ati amantombazana emabini, eye kulinda intaka emasimini, enye igama ngu Nongqause intokazi ka Mhlakaza nenye ingumtshana, emlanjeni ekutiwa kuse Kamangeni, abona kufika amadoda amabini, afike ati lamadoda kula mantombazana.—"Maze nisibulisele emakaya, nixele ukuba singo Nantsi (awaxela amagama andikohlile) atsho azibiza ngamagama ke wona. Abafa kudala. Zenixele ukuba umzi uza kuvuka wonke ekufeni, nenkomo mazixelwe zonke ezi zikoyo kuba zifuywe ngezandla ezincolileyo, kuba kuko nabantu abapete ubuti. Makungalinywa, makumbiwe izisele ezikulu ezitsha, kwakiwe ne zindlu ezikwa ntsha, kubiywe nenqili ezinkulu ze ntlanti kusikwe intsuba, kulukwe nengcango zobukazibe ninzi. Zitsho inkosi u Napakade into ka Sifubasibanzi. Abantu mababulahle ngokwabo ubuti, bungade bumbululwe ngamagqira. Efike ekaya afike awa ngazo, kuloko engapulapulwanga mntu, kusuke kwahlekiswangawo.

Kuse epangela kwa intaka, kwati kungasenini, babuye bafika abababantu, babuza kumantombazana ukuba afike axela na ekaya, nokuba kufike kwatiwa nina? Axelile amantombazana ukuba, lonto ifike yayinto yokuhlekisa, ayipulapulwanga mntu. Kusuke kwatiwa siteta intsomi. Lonto yayisenzeka ecwebeni le Gxara kwa Gcaleka. Bate aba bantu kula mantombazana, ze niti kubantu abakulu, mababize zonke inkosi ezakwa Gcaleka, ezakwa Tato, ezakwa Ngqika, kude kuse ema Gqunukwebeni. Umhlakaza uke waya ehamba neqela lamanye amadoda, asuke la madoda akavela. amane eteta no Nongqause eviwa nguye nenye intombazana, bemane betolika kwa le nteto iti.—Makuye kubizwa inkosi zonke ukuze bavele. Kuqaliwe ke ukuyiwa komkulu kwa Rili e Hohita, kulo Gojela, kwafike kwawiswa esi simanga sitetwa yile ntombazana ka Mhlakaza. U Bili ususe abantu kwa oko, wababaza kulo lonke ilizwe. Gxebe pambi kokwenjenjalo wesusa u Botomane inkosana kwa yakwa Gcaleka, Iowa waye no Mapasa e Zipunzana ngo Ncayecibi, ukuke aye kuqonda ngokwake, aye kwa Mhlakaza, abavuma ukuvela nakuye. Kukuze kutiwe, makuze zonke inkosi kuqala, pambi kokuba bavele, kuba bengamanyange, besiza nenkosi yabo u Napakade into ka Sifubasibanzi. Wasusa abantu ke u Bili, baya kuwo onke amaziko.

Kwa Tato, kwesuswa u Maramnco into ka Fadana yecala lase kunene ihamba nomtshana wakona u Shwele, into ka Zozi. Kwesama Ndungwana kwesuka u Dlulaze, into ka Qwesha ezalana noNdarala. Kuma Tshatshu kwesuswa u Mpeke into yase Mfeneni.

Kwa Ngqika kwesuka u Naramnco enkulu ka Maqoma. Kwa Gcaleka ngu Rili no Lindinxiwa into zika Hintsa, no Ngubo into ka Malashe, no Nxito into ka Lutshaba. Kwa Ndlambe kwesuswa u Nowawe into ka Ndlambe. Ema Gqunukwebeni kwesuswa u Dilima into ka Pato.

Yonke lo nto yasinga ecwebeni le Gxara, e Kamangeni, kwa Mhlakaza. Inteto yayite kwa mhla mnene, maze bahlelwe abantu abayakuya kwa Mhlakaza. Kute ke kufikiwe kona kwatiwa uti u Nongqausi—Mayihlelwe kwakona impi eyakuya e cwebeni, ikolise ngenkosi. Kwenjiwanjalo ke okunene. Kute kuba abantu sebe nendawo eyoyikayo, noko kwati xa kuyiwa kulomfula uli Kamanga babaninzi abate kote imiqala, abanxanwayo. Kwaye bekokelwe ngu Nongqause, intokazi eyenze izazobe zembola, intwazana engenaninani. Bavakele abanxaniweyo besiti—Angaselana umntu onxaniweyo? Ute u Nongqause—Osukuba engenabo ubuti angasela angoyikeli nto.

Yesuk'apo into ka Pato u Dilima, igora elikulu, wayiti tya paya ingubo yake wanqwila wasela. Amane esiwa ngokuwa amabandla ka Nomagwayi wase Mbo.

### UMBONO OWEHLAYO.

Kute xa kunjalo, kwavakala kudilika amatye amakulu kunene eweni elise mantloko e Kamanga, into leyo eyabeta abantu bafakana amehlo, zako nendawo zokundwebela ukungati kuko nto iza kuququmba kweli liwa, kwababako isizotongo sobunzima obunjalo.

Kute kunjalo yati intombazana kanibekise amehlo enu elwandle. Bate bakuqwalasela emazeni olwandle kwanga kuko abantu okunene, kwanga kukonya nenkunzi zenkomo, kwa nenkabi, yasisibiba esimnyama esimane sibuyabuya, sade sabuyasemka sayakutshonela kwase lundini paya emazeni olwandle, baqala bakolwa ke bonke abantu.

### INTETO YESI SIBIBA.

Lo mkosi uselwandle awuzange wapuma usondele ezinkosini apa. Nenteto yawo ayiviwanga yiyo yonke lonto ngapandle ko Nongqause. Ute ke yakumka yakuya kutshonela lo mpi wati—Ziti inkosi godukani niye kuxela zonke inkomo kungabiko nto niyifuyileyo, ukuze uvuko lukauleze. Maze ningalimi, yimbani izisele ezikulu ezitsha, niyakubona sezizele kukudla okutsha. Dimbazani neninako eziseleni niye kukulahla. Yakani izindlu ezintsha, nenze nengcango ezininzi nizenze ngobuka, nize nizivalele ezindlwini, namhla ngovuko kuba kuyakuti ngosuku Iwesibozo xa upumayo umzi omhle usiza nenkosi yawo u Napakade into ka Sifubasibanzi, zonke izilo zehlabati nezemilambo, nenyoka, ziyakuba zizibadubadu kulo lonke ilizwe. Ukuze nisininde zenivale ngengcango ezininzi, niqamangele ukubopelela nilahle bonke ubuti.

### ENYE INKOSI KWAKONA

Utsho wati—Kuko nenye inkosi, ikwela kwihashe eli-ngwevu, igama layo ngu Ngwevu, elinye ke ngu Satana. Wonke ke umntu ongazixelanga inkomo zake uyakuba ngoka Satana, akayi kububona ubungcwalisa beyetu inkosi u Napakade into ka Sifuba-sibanzi.

Nantso ke imbangeli yokuze kuxelwe inkomo kususela ku 1856 kucitakalwe nge 1857.

### UKUVELA KUKA NONKOSI.

Kute kusenjalo kwavela enye intombazana kwa Nkwitshi into yasema Kwemteni, yakwa Ndlambe. Yona ivele e Mpongo apa (Macleantown). Inteto yona ikwanye neka Nongqause. Apo kubehle kwabonwa nabakweta abatshila ecibini elise Mpongo apo. Izizwe bezibutelana kona kube yinto ebomvu, zisombela kona intokazi, zivuma imiyeyezelo, ide ingqongqo irazukele kona, kusombelelwa abakweta abatshila ecibini apo.

Nayo leyo ibiteta kwa inteto ka Nongqause, eteta ngovuko Iwabantu nenkomo kupela.

### UKUVELA KWE MPONDO ZENKOMO.

Kwezinye indawo bekude kubonwe nempondo zenkomo sezivelile, kuviwe nokunxakama kwendlezana, kuviwe nokukonkonta kwezinja, nokumemelela kwabasengi njalo-njalo.

### UMTETO WAMAKOSI.

Zite ke inkosi zakuba zibuyele ngendawo zazo, zafika zabuta izipakati zonke yashunyayelwa namhla lento yokuvuka kwamanyange, namhla selematsha, nokuvuka kwazo zonke inkomo eziyakuxelwa nezafa kudala. Wayete u Nongqause, ze kuti nokuba umntu uye kuyenza isimausi inkomo yake, nokuba uyitengisile, awuqashe umpefumlo ukuze ivukele yena mhla ngovuko. Baye, bonke abangaxelanga beya kupepeteka sisaqwiti esikulu baye kweyela elwandle.

### UKWAHLULELANA KOMZI.

Umzi wasema Xoseni wafika we qwenge kubini, omnye awake uvume ukuxela inkomo zawo, pofu usazi ukolwa eluvukweni Iwabafileyo ukuba loze lubeko olwabantu, lungelulo olwenkomo.

Kwabonakala kusahlukana uyise nonyana, nonyana bamntu mnye, inkosi nabantu bayo nemizalwana njalo-njalo, kulo lonke elasema Xoseni. Kwavela amagama amabini ala macala mabini. Elinye kwatiwa nga Matamba, oko kukuti ngamagqoboka ka Nongqause. Elinye ngamagogotya. Ukugogotya kukuhlala ungayenzi into, ume nganeno kwayo, kutiwe ke—U Nantsi ugogotyile.

### USUKU LWESIBOZO.

Kute kaloku zakuba zikolisiwe ukuxelwa inkomo kuba elikulu omninzi umzi wawungokolwa kule nto, uninzi lukolise abanye inxenye ngokoyika ukubulawa ade akolise ukusaba amagogotya kaloku xa indlala sel'ibungena xa sekujongwe usuku Iwesibozo, sekubu mamaniseka kuninzi, inxenye sel'ilamba kanye, sel'ipila kudla impotsha kupela.

Kute ke kuba kwaku sekujongwe usuku Iwesibozo, usuku ekwakutiwe, loze ilanga lanele ukupuma libomvu lize libuye litshone kwasesibakabakeni, kuzekubeko umnyama omkulu lelo xeshake kwatiwa maze abantu bazivalele ezindlwini ukuze banga dliwa ngama ramnco. Enye yendawo ekwakutiwe maze kuhlanganiswane kweli linganeno kwe

Nciba ukulindwa usuku Iwesibozo, sekukangelwe kulo lonke, nelamatamba kwane lamagogotya. Lapuma ilanga lifana namanye, amatamba agoxa ngezindlu yonke lomini avala aqilingela ngengcango ezininzi, selemane enyondla ngezituba ukutshona kwelanga aye amanye abe ngakolwa kade engazenzanga zonke ezinye izinto ngapandle kokuxe- la inkomo, ayesebenza into zawo nangalomini.

## INGXOXO ENKULU YOMGINWA NOM-KRISTU.

No. 4.

Bokumbula abalesi betu ukuba kwi ngxoxo yokugqibela kutete u Pakadelikoyo yedwa, wateta ngenteto eshushu kunene ebeka amabanga azi zizatu zokuba azikalazele ezinto babambene ngazo, zinje nge mfundo, umbuso, nobugqoboka. Ke namhla kuza kuteta u Zwelizayo ukupendula zonke inteto eziwiswe ngu Pakadelikoyo kwa naye. Uvakele u Zwelizayo esel'eba- rula kwakusasa namhla esenjenje—

Ndivana nobubi, ke mfo wakowetu Ndakuba ndiziva, ezakw' izizatu Kukuba ndisazi, kanene ukuba, Kuliwa ngenteto, akunga zintonga.

Ziko inyaniso kule nteto yako
Azinakupikwa, ndilusiz' ukutsho.
Kodwa ke manditi, kangela ke nawe
Kwe zam impendulo, ungenzi igukwe.

Ukwekwe kakulu, malunga nosana
Olu lungumhlaba, olu sigebenga.
Akukang' uvele, wenze nelizwana,
'Kusus'ezo ndawo, zobo bugebenga.

Nantso mna indawo, eyona imandla

Enditi ke kuwe, ngewuyikangela

Kuba zonk'ezinto. uzikankanyayo ,

Zihendo zosana olukohlisayo.

Nawe uteta nje, ubanjwe kwa lulo
Lukwenz' ibengeqa, kwanab' obuciko,
Ubenza namhla nje, kwa kuyo le ngxoxo,
Sibambene ngayo, *kute kwa petolo**

Yiza ndikutyele, ngwevu yakowetu,
Akuko nto into, kwezinto zoshumi,
Uqamele ngazo, kule ngxoxo yetu.
Zakupela zonke, kusale ilizwi.
Umhlaba lizala, yiva ndikutyele.
Zonk' ezi ziyolo, uqayisa ngazo,
Zakutsha ngumlilo, ngomhlana wompeto
Umhla, ndikutyele, wa mfo ka Magwele!
Maze undibuze, woz' undinq'inele.
Ngumhla wokuhluzwa kwentw'ezilityelwe.
Kodwa ke namhla nje ndifun, uqondile
Nge mfundo, no mbuso ozikalazele.
Imfundo yenzani, ngombuso utini?
Manditi ngemfundo, nawe uyavuma
Kuba ezi ofisi, nasezi kuleni
Kubalwa zintsapo, zasezikolweni.
Ipasi kaloku, nibalelwa ngabo.
Incwadi kaloku, nifundelwa ngabo.
Inteto kaloku, niyiviswa ngabo.
Magqweta nantoni, kutolikwa ngabo.
Kuw'onke lo mazwe, bazazeke kuwo
Kulapo kwanani nijozela kuwo
Nikululwa ngabo nasezintanjeni
Zobupinganisa base mi-Lungwini.
Ngexesha le ndlala, kwa nexa le mfazwe,
Nidla ngokusinga kumzi wesikolo
Niwenze ihlati, lendlala no mkonto
Nongiwe, nilizwe nibon' inyakenye.
Ngo mbuso utini, unani mfondini?
Kanen'asinguw' owanukw' e Lungc'wini
Nyakana ngo Ngqika, wasinda cebetshu
Wehla nomucinga, weza kwa Jon Bulu?
Yintoni emandla anga ngawelizwi?
Intw' enge namipu, engena zikali
Kanti ke kunjalo, kwenzek' izimanga
Kwamkelw' amagwira, kwa namanyangaza.
Kuxolelw' abantu, abalelesile
Abanetyeneba, ku mteto wo mhlaba.
Kwamkelwa indlodlo, kwa nazw' intangatwa

Zentlangana zonke, kungeko balelwe.

PAKADELIKOYO—

Make ndikukaule mfondini wakwetu
Ungeka zigqibi, uzikup'inyongo,
Uzityand'igila, ud'uziti bongo.
Sendikute meqe, ndigcine nge ntumbu.
Make kaloku nje, kugagan'iz'fuba
Sicupan'obontsi. Sitw'ax'ukuteta, Ibenqe inteto
iz'ingadulusi Irole umxelo nomxol,ingakwekwi.
Kuntsuku siteta, utung'amabenya.
Andisaknntsela, ndidinwe kuncwela,
Ndopum'egusheni. Siza kuhlazana. 'Zulunge ke
ntanga, kuko namanyala. Le mitshato yenu
iyeyamani na? La macikiciki, nibizana wona?
Azekelwe pina, kuhlanga luni na? Kuba
ndikutyele, asiwama Xosa.

Eli kazi lenu, yinqu yomshologu.
Likukutengisa, ndifung'u Nontshungu.
Ndixego lingaka, ndaye ndiliqaba Kumhla
ndalibona, umhlam u Notsay'ka. Esi sinyaniso
sibizwa kwi soka Sinkabi yahashe
ifakw'amaqina, Entsimbi kwa Mlungu, zinto
zangapi na? Nemali zekofu ze lity'i nododa?

Likazi lapi na elenu sikolo? Lingaqashi zito,
nimtanda umfana? Erolile pofu intwana anayo
Nibiza kunjalo. Kup'ukwalamana? Nibe ke
kunjalo nisiti ngelenu Nilanda isiko, eletu
maqaba.
Umbuzo manditi; " Ayepin'awenu
Awobugqoboka? Seningamani na? " Tina ke
maqaba, ikazi lilifa.
Liq'ina nekonco, lokwenda komntwana.
Intombi le tina, yinqu yal'ulugxa
Imbel'amawayo, iwenzel'ikaya.

Inqobo ke tina, asizo zinkomo. Ikukwalamana
inqobo endoqo.
Yendele, yazika, ihlahlwe liq'ina, Eliyinkazana,
nomyeni isoka.

Ikazi likonco lokuhlanganisa. Ekuti nokuba
inkom'azanele. Kuqashwe izito, anikwe
umfana, Omzi wakowabo, unokwalamana.
Kufaniselana intombi ix'anywa 'Madoda
mabini. Elinye lihlwempu. Lidle
ngomz'wak'walo, odumo ludala Elinye
sivunda. Isimo yi *ntshenu.* Ligalel'itala, liqayise
ngenani Zikutshwe, kupele, ezo zesityebi.
Kwamkelw'ezehlwempu kuqashwe izito,
Ngenxa yesimilo eso somz'wakwalo. Ime, ime
mpela, lo ndlu yolo tando. Alelwe iselwa,
umfazi womfana. Acol'onwabile, eyenza la
minwe Kutetwa ngoxolo. Akungazinkomo.
Eyet'imitshato ay'nazw'ezi ndleko.
Zekaz'elingaka. Elenu zikolo, Lelisisimanga.
Nic'it'abantwana. Nipel'ubuhlanga, se
nizimpatshanga. Nibiza inkomo, isinga,
nesinga, Nifun'ozikofu, migubo, maxamba.
Nibiza malana nezokufukama Kwentombi,
Kanen'iyanqunqa?

Nibiza imali yelokwe, isinga, Neny'into eninzi.
Zinkom'ezingapi? Kauxele mfondini, kodwa ke
nenzani? Nikala ngo Mlungu? Hlala
ngokuncama. Eli kazi lenu, yindleko kwapela
Libang'ubusela kulo udodana Efun'elikazi,
lilurokorwane Zinkomo, maxamba, zisali
mahashe. Libang'olu mito Iwezi ntombi zenu.
Kukule ushwesho, kolu sapo Iwenu. Zandile
inqola kule nzala yenu. Bandil'ubufebe,
nonxilo, lukulu. Ngu Mlung'owenze ni, ipina
inene? Ningen'ezintweni, zobumenemene
Ningenantw'imiyo ningab'o Nontsuke Abange
nacala, ningab'o Nxazonke. Niko es'kolweni,
nikw'ebuqabeni. Niko ku Satana niko e
Tixweni.
Sibambe lipi na kule mpamba-mpamba Nixak'u
Satana, usinkwabalala.

Akuko nasiko nimis'umzi ngalo Ulowo
ngulowo, akuko lutende.
Ninto zokusikwa, seni ngama kwabe Inkwanca
yentlanga, ese zapelayo. 'Duvele kaloku,
uhlamb'ezi ndawo, Ukuze ndiqonde
ukub'utet'into. Kusihla zimfazwe, nisuke nilale
Nincu zimashiyi, nigush'izirweqe.